# Yacombuluka! Inamba u 1923 ebisoloko ifukamele ukunduluka.

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Uzakutshona Unyaka elundini
Nditsho kuwe nzwana yase Afrika,
Ha—la—la—1923
Azi singabhala ngalupina usiba.

Wadlula unyaka sewusishiyile
Nango amabala ati awuseko
Nendanduluko yokubuka omtsha
Ofikileyo.

Wadlula unyaka wemka unendaba
Zabantu bonke abase mhlabeni
Ezokuhlala nokupatana kubi
Ziyokubhalwa.

Ezobunzima nezo zemivuyo
Ezetamsanqa nezi zezamashwa
Ezomkuhlane nezo zokupila
Zipetwe zonke.

Utwel' umtwalo unyakenye lowo
Owobunzima obusemhlabeni
Impitimpiti ezishukumisa
Izwe labantu.

Inkohliswano impatwano kubi
Imbandezelo izibulalano
Pambi ko Mgwebi ekangele nina
Ziya kubikwa.

Umnyaka omdala ngoku uyapela
Ke Simakade sibulela Kuwe
Kwingozi zonke osigcine kuzo
Unyaka wonke.

Sahlukanise neziposo zetu
Uyilungise yonk' ihambo yetu
Uwalibale onke amatyala
Onyak' omdala. Taru!

Nantso intlaka yitabate 1923
Eyimitandazo yetu tina ma Afrika
Nantso nemore yitabate 1923
Nyusa ngayo izikalo ziye Kopezulu.
Camagu!

Zemk' inkomo zetafa 1923
Akunakupikwa ndilusizi ukutsho
Kodwa manditi kuwe m-Afrika
Wozufena gxebe ungeko entweni.

~~Yadlulana iminyaka wa ngwevu yakuti~~
Kungeko nto iyinto oqamele ngayo

Mazitshe ngumlilo namhla ezomdala
Kungene ezomtsha zibete ezintloko.

Harewu! 1923 nyaka wendiniso
Zicande iziziba umke nezidwashu
Zonyaka omdala uzipose emhlana
Camagu! Ke Ndlovu edla igoduka.

Nababekunqwenela! Mabakuyeke!
Uzokutatwa yi Nyanga zine Langa.
~~Siyabulisa ulifezil' idinga~~
~~Taru ntlakotshane imka nabatakuti.~~

Uzuyigqushe indlel' eye Zulwini
Zitsha nganina indlu zase Afrika
Akuzi Poll Tax, akuzipesi akuzipeshele
Sohlala pina? Sohlala emafini.

Akumiteto! Idlul' eka Moses
Zitsha nganina indlu zama Afrika
Hamba 1923 uyinike ingxelo
Usitetelele ude ucokise. Camagu!

Lento iyiminyaka ayivelwa ngasemva
Abaqondayo bobeta besotuka
Kulapo umntu atshabalala kona
Yingwe yetunzi umfusa wapakade.

Lento iyiminyaka ayivelwa ngasemva
Nguzwi linzima elixalis' abantu
Isisitunywa esiqumis' umzimba
Undiva sekulilwa wena uugaziluto.

Lento iyiminyaka inene bafabantu
Kuba idlula nje iyasishwabulela
Yingwe yetunzi! Umfusa Wapakade
Kulap' Inkosi zitshabalala kona.

Yapuma Inkwenkwezi mapolisa kuyasa
Yiniken' ingxelo iye kopezulu
Nicul' ukunyatela ninge nizingilosi
Nisitetelele nide nicokise.

~~Wadlula unyaka wemka unendaba~~
Zabantu bonke abasemhlabeni
Ezokuhlala nokupatana kubi
Ziyokubhalwa. Taru!